



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**SENIOR CERTIFICATE/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

XHOHL.1

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2020

AMANQAKU: 70

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-12.

MORNING SESSION



IPHEPHA LEMITYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
ICANDELO B: Ushwankathelo (10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)
2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakiwo lwezivakalisi.
9. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
ICANDELO A: Imizuzu engama-50
ICANDELO B: Imizuzu engama-30
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBULO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA**

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

ISICATSHULWA A**TSHINTSHA MTHENGISI!**

- 1 Ngokuka Tammy Tal abathengisi eMzantsi Afrika badada kulwandle lwemingeni. Kuloo mingeni uMzantsi Afrika ujamelene nesantya esiphezulu ephala ngaso itekhnoloji ukusukela oko wafumana inkululeko. **Kwakhona**, ubukho besizukulwana esibizwa ngokuba ziimileniyali kuba sizelwe kwiminyaka esukela kowama-2000, buze notshintsho. Esi sisizukulwana esishukumisa iziseko zeendlela zokuthengisa ebezisele ziziziswenye kubathengisi. Abathengisi batsho banyanzeleke ukuba bagxumele ukuthengisa ngobuchwepheshe banamhlanje kuba kaloku le nzala yeyangoku sele kukho neekhompnyutha. Kangangokuba zizithembile iimileniyali kubuchwephetshe, ndingade nditsho ukuba iintengiso ezikwi-intanethi zifundwa nangosebeleni. Abathengisi banawo nomngeni wokuthengisa baze bafikelele kubantu ngokokwahluka kweepokotho zabo, inkcubeko kwanokwahluka kweminyaka yobudala. 5
- 2 Kuyimfuneko ukuba abathengisi baqaphele ukuba, abantu abangama-66 eepesenti kweli bakwiminyaka engama-35 nangaphantsi. Olo lulutsha **olubandakanya** iimileniyali. Abathengisi kwiintengiso zabo mabathathele ingqalelo iimpawu zabathengi abalulutsha. Ezo mpawu ziquka imikhwa yokuhlalela ukubukela iividiyo zentengiso kumakhasi onxibelelwano afana noo*Youtube* kuba ngendalo ulutsha alunalo ithuba lokuzinzela, beqwalasela iintengiso koomabonakude nakumaphephandaba neeflaya njengoko besenza abadala. Oku kukodwa kuyabanyanzelisa abathengisi ukuba babhenele nakoo*Facebook*. 15
- 3 Ngokuka Peter Du Toit, kuseliphupha kubathengisi ukufikelela ngokupheleleyo kubathengi abamnyama abamivuzo iphakathi. Eli qela ngokwengxelo kaGoldman Sachs yowama-2013, ngabantu abamkela imivuzo esukela kwi-R1 400 ukuya kuma-R10 000 xa kuthathelwa kumaxabiso angonyaka wama-2008. Ngokwale ngxelo liya likhula ngokukhula eli qoqo labathengi kangangokuba lixhume ukusuka kwizigidi ezithathu ukuya kwezihlanu kwiminyaka ephakathi kowama-2006 nowama-2010. Kungoko ke neendlela zokuthengisa ezihambelana nokukhula kweli nani kufuneka zivundle zithathele ingqalelo izixhobo abazisebenzisayo nabafikeleleka ngazo. 25
- 4 UPeter Du Toit unoluvo lokuba ukuhlala ndawonye kwabantu abathatha entweni nabangathathi ntweni nako kunefuthe kwiindlela abanokuthengiselwa ngazo. Ngokolu luvo abantu abathatha entweni babandakanya abantu abamivuzo iphakathi ukanti abangathathi ntweni baquka abamivuzo iphantsi kunye nabangaphangeliyo. Abathengi abamivuzo iphantsi bahlala ezilokishini zeli ubuninzi babo, esingabala kuzo ooSoweto, Alexander, Mdantsane, Motherwell, Gugulethu nooDiepsloot ukanti nabamivuzo iphakathi bahlala kwakwezi ndawo. Ngokuka Stats-SA abantu abangaphangeliyo kunamhlanje nje bangama-27 eepesenti kwaye uninzi lwabo lufikela kwezi ndawo ngeenjongo zokufuna imisebenzi. Oku kwandisa imfuno yokuthengisa ngendlela eza kuyinika ixabiso loo malana banayo ukuze ibe yimali enendili. 30



Abathengisi bafikelela kolu didi lwabathengi ngokusebenzisa izibhengezo ezifana nezezitokfela, izipaza, neebhodi ezingenziwanga ngabuchule bubhekele phi zokwazisa isaluni neendawo zokuhlamba iimoto ezihlawulisayo ezikhoyo ezilokishini xa bethengisa iimveliso zabo. 45

5 Ngokoluvo lukaPeter Du Toit abathengisi eMzantsi Afrika sebeqalisa ukukuqaphela ukuba bakho abathengi abangabantu abangaphangeliyo, kwaye basengazithenga iimveliso zabo xa benokutshintsha unyawo. Baqaphela ukuba iiTV neebhilibhodi azisengomaqonga achanekileyo anokuthengisa iimveliso zabo ngempumelelo. Ngoku bayasitshintsha isingqi sabo xa bebathengisela. Bahluzi iimveliso ezinako ukubeka amaqanda kwiindawo ezithile nezingenako. Iivenkile ezinkulu sezibaloba ngoothenga ezimbini ngexabiso lenye, iikhombo, namakhadi entembeko afumaneka kwiivenkile ezithile. Ezi ndlela zongeza inani labathengi kuba naba banemivuzo ephezulu batsibela kwa ezi khombo ukuze imali ithenge okuninzi. 50
55

6 NgokukaProfesa John Simpson ongumphathi we-Unilever Institute kwidyunivesithi yaseKapa, abathengi abaMnyama baqikelelwa kwizigidi ezihlanu eMzantsi Afrika kwaye neli inani liyenyuka. Ngokweengxelo manani zowama-2015, ukuthenga kwabantu abaMnyama kugxanyekele kwiqondo elingentla ngeli xesha okwabaMhlophe kusihla. Oku kuthetha ukuba abaMnyama baye besiba nelizwi elikhulu ngeempawu zomthengi. Ngoko iintengiso zemveliso mazilungele iimfuno nenkcubeko yabaMnyama. 60

7 Kuyafuneka ukuba ukuthengiswa kwemveliso kuthathele ingqalelo inkcubeko nolwimi olusetyenziswa ngabahlali abaninzi ukuze lusetyenziselwe ukubarhwebeshela kwiimveliso zabo. UAndrez Rodriguez uluxhasa olu luvo ngebalana elingemvelaphi yephephandaba i'Soccer Laduma' elayilwa ngowama-1997. Eli phephandaba selinabafundi abathembekileyo abakwizigidi ezithathu sithetha nje, kwaye lithengisa malunga nama-328 000 eekopi ngeveki. Lilelona linabafundi abaninzi kuwo onke amaphephandaba anjongo ikukufikelela kubathandi bebhola ekhatywayo. Oku kuthetha ukuthi xa ubonakalisa ukuzimamela iimfuno zabathengi kwiintengiso zakho, bakhulelwa kukuyithemba imveliso yakho, babe ngabakho ukusukela ngoko naphakade. 65
70

[Isicatshulwa siyingqokelela yezimvo zooWilma den Hartigh, Peter Du Toit noTammy Tal, zaguqulelwa esiXhoseni zaza zahlelwa]



ISICATSHULWA B[Ucatshulwe kwi-[google-images.com](https://www.google.com/images)]**IMIBUZO: ISICATSHULWA A****Jonga kumhlathi woku-1**

- 1.1 Nika intsingiselo yesivakalisi esinomgca ngaphantsi. (1)
- 1.2 Khankanya ibeMIBINI imingeni abajamelene nayo abathengisi ngokwalo mhlathi. (2)
- 1.3 Lizisa ntsingiselo ni igama, 'Kwakhona', elibhalwe ngqindilili malunga nemingeni? (1)
- 1.4 Chaza ifuthe lesizukulwana esiziimileniyali kwindlela abathengisa ngazo abathengisi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-2

- 1.5 Xela umahluko ophawuleka kwiindlela abafumana ngazo ulwazi ngeentengiso abadala nabatsha ngokwalo mhlathi. (2)
- 1.6 Caphula kwakulo mhlathi isifanokuthi segama 'olubandakanya' elibhalwe ngqindilili. (1)

Jonga kumhlathi wesi-3

- 1.7 Ibachaza njani abathengi abamivuzo iphakathi ingxelo kaGoldman Sachs yowama-2013? (2)
- 1.8 YINYANI/BUBUXOKI ukuba inani labamivuzo iphakathi linyuke ngezigidi ezithathu ukusuka kowama-2006 ukuya kowe-2010? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi wesi-4

- 1.9 Xela zibeMBINI iilokishi ezihlala abathengi abamivuzo iphantsi ngokwalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-5

- 1.10 Xhasa ngolwazi olukulo mhlathi uluvo lokuba abathengisi babathathele ingqalelo njengabathengi ababalulekileyo abantu abangaphangeliyo. (2)
- 1.11 Caphula kulo mhlathi ibinzana elithetha into enye neli, '... xa abathengisi benokuthengisa ngendlela eyahlukileyo.' (1)
- 1.12 Ngqina ukuba ikhombo isetyenziswa ngeenjongo ezahlukileyo ngumthengisi nomthengi ngokwalo mhlathi. (2)
- 1.13 Bhala isichasi segama, 'zongeza' elikulo mhlathi. (1)

Jonga kumhlathi wesi-6

- 1.14 Khetha impendulo echanekileyo ngezantsi. Umhlathi wesithandathu uthetha kakhulu ngefuthe labantu ... (1)
- A abatsha kwintengiso.
B abamhlophe kwintengiso.
C abamnyama kwintengiso.
D abangaphangeliyo kwintengiso.

Jonga kumhlathi wesi-7

- 1.15 Cacisa indlela ibali lephephandaba iSoccer Laduma eliluncedise ngayo uluvo olunomgca ngaphantsi. (2)

IMIBUZO: ISICATSHULWA B

- 1.16 Nika izixhobo zibeziBINI ezisetyenziswa ngabantu abakulo mfanekiso. (2)
- 1.17 Ngqina ukuba abantu abakulo mfanekiso bakonwabele abakwenzayo. (2)

IMIBUZO: ISICATSHULWA A no B

- 1.18 Xela umhlathi kwisicatshulwa A onomxholo ofana nowesicatshulwa B. Xhasa impendulo yakho. (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO**UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA**

ISICATSHULWA C sithetha **ngokutya ukutya okunesondlo njengengcali**. Bhala isishwankathelo esinika iingcebiso zokutya njengengcali.

QAPHELA:

1. Bhala UMHLATHI usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma ezisiXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

ISICATSHULWA C**NAWE UNGATYA NJENGENGCALI YOKUTYA**

Ufuna ukwazi ukuba iingcali zokutya zitya ntoni ukuze zihlale zisempilweni? Funda la macebiso athathwe koogqirha bombutho iAssociation for Dietetics South Africa (iASDA), ugqirha Raeesa Seedat, uBruk kunye noTshukudu. Ngokweengcebiso zabo kufumaniseka ukuba bahambela kude nezidlo ezithile baze bachule ukunyathela kwezo bazityayo.

Xa ufuna ukugcina umzimba udlamkile ungadinwa msinya, yitya ukutya okunomlinganiselo omncinane wesitatshi. Isitatshi kukutya okunika amandla kodwa ukucolwa kwaso kuyahluka. Izidlo ezinomlinganiselo ophezulu wesitatshi zicoleka lula kwaye zilinyusa msinya iqondo leswekile. Ezineqondo elisezantsi lesitatshi zicoleka kade kwaye neswekile ayikhawulezi ukunyuka. Ukutya okuneqondo eliphantsi lesitatshi kuquka ingqolowa, isonka esingenagwele, irayisi emdaka, irhasi, umgubo wehabile, isidudu esinamakhatshu kunye neetapile ezingaxotyulwanga.

Imfuzo inegalelo kwinkangeleko kodwa zikhona izakha mzimba ezinokuyiphucula inkangeleko yomntu. Ukusela amanzi awaneleyo kuyasikhucula isikhumba, kwenze iinwele kwakunye neenzipho zibentle. Yitya izakha mzimba ezine Omega 3 ezifana nentlanzi, amaqanda, ithanga, ispinatshi, inyama neziqhamo.

Ukuthoba izinga lokutyeba nelamafutha asemzimbeni kungadala intliziyo ephilileyo nokuba kungangeepesenti ezi-5 kwaye lungehla noxinzelelo lwegazi. Ukwenza oku hambela kude nezidlo ezibhakiweyo nezigcadiweyo kwaye uyizile inyama ebomvu, ufele lwenkuku nebhoto. Kodwa ke uBruk ucebisa ukuba uhlobo lokutya malungathathi indawo yamayeza owanikwe ngugqirha.

Umlinganiselo ophantsi weayoni ungakhokelela kwingqondo ediniweyo, engakuzikisiyo ukucinga, ngoko ke, ungaliphucula ngokumana usitya ngeziqingathana ezininzi ngemini ukuze iswekile ihlale ilawuleka. Ungayifumana iayoni kwinyama, intlanzi nakwiindidi zeembotyi. Yahlukana nokuthoba ukutya ngekofu okanye iti kuba oku kuthintela umzimba ekufunxeni iayoni eku kutya ubukutya. Ukuze uthintele umkhuhlane nengqele kubalulekile ukuhlamba izandla rhoqo, ufumane uthintela womkhuhlane. Kodwa zikho izidlo ezincedisa ukuthintela izifo. Uhlaza, igalixhi, ijinja namaqunube ziyawuncedisa umzimba uqulunqe amajoni awomeleleyo ukukhusela izifo.



Ungahlala udlamkile imini yonke nengqondo yakho iphapse xa umana ufafaza ijinja, isinamon nekhadamon kwisidudu sakusasa. Kungakuhle ukutya iintonga zesipinatshi namagqabi aso nawesileri, kanti neentanga ezi zingakunceda kwezaa yogathi zakho.

[Ithatyathwe *kwiSanlam Reality Magazine* yonyaka wama-2018 kwiphepha 48 ukuya kwelama-49 yaguqulelwa esiXhoseni yaza yahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO**

Funda esi sibhengezo (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA D

<p>IBHANKI YAM! ISIKHITSHANE SAM!</p> <p>KGS BANK 12 Sonka Street, Begerdorp www.kgs.co.za</p>  <p>Unelizwe ezintupheni zakho nebhanki yethu entendeni yesandla sakho.</p>	<p>Sikwamkela kwilizwe lentsebenzo ngeakhawunti iMzantsi. Zidaphele kubunewunewu benzala ye-6% nyanga nenyanga.</p> <p>Asifuni dipozithi. kwabaminyaka ingama 23 ukuya kwi25 kuphela.</p>
--	---

[Sicatshulwe kwi-www.kgsbank.com, saguqulelwa esiXhoseni saze sahlalwa]


- 3.1 Nika igama lemveliso ethengiswa yile ntengiso. (1)
- 3.2 Caphula igama elinika intsingiselo yokuba inzala ifumaneka lula kule bhanki. (1)
- 3.3 Nika umyalezo odluliswa sisikweko kwesi silogani, 'ibhanki yam isikhitshane sam'. (1)
- 3.4 Tolika umfanekiso okule ntengiso. (2)
- 3.5 Xela ukuba yintoni enokwenza umtsalane kubantu ejoliswe kubo le ntengiso. (1)
- 3.6 Khetha impendulo kwezi zilandelayo.
Umyalezo othi 'sikwamkela kwilizwe lentsebenzo' ujoliswa kubantu abaqalayo ...
A ukufunda.
B ukuthenga.
C ukuphangela.
D ukuzithemba. (1)
- 3.7 Chaza injongo yokuphindwa kwesimnini esibhalwe ngqindilili, 'isikhitshane sam ibhanki yam.'. (1)
- 3.8 Ucinga ukuba oku kungafuni dipozithi yindlela yokuncedisa le bhanki ikhule nokwenani labaxhasi? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ISICATSHULWA E



[Ithathwe kwiintanethi-www.zitcartoons.com]

- 4.1 Uyacinga okanye uyathetha uTaZ kwisakhelo 1? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
- Kwisakhelo sesi-2 ukujonga ecaleni kukaSyder kubonisa:
- A Ukuba uyavuyisa.
 - B Ukuba uyancama.
 - C Ukuba uyahleba.
 - D Ukuba uyagxeka. (1)
- 4.3 Udaba lobuso bukaTaZ kwisakhelo sesi-3 luhambelana njani nentetho yakhe? (2)
- 4.4 Chaza umahluko kwindlela umzobi akubonise ngayo ukunzinyelwa kukaTaZ kwisakhelo sesi-4 nokukaZipho kwisakhelo sesi-5. (2)
- 4.5 Nika imfundiso efumaneka kwisakhelo sesi-5. (1)
- 4.6 Ucinga ukuba uZipho umele ukukhathazeka xa enokuyiva le ntetho kaTaZ ithi, 'akabizi ke kodwa yena uZipho'? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]



UMBUZO 5: IPROZI

Funda esi sicutshulwa (ISICATSHULWA F) singezantsi esineempazamo ezithile ezenziwe ngenjongo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA F**IMITHETHO YOKUSETYENZISWA KWECUBA EMZANTSI AFRIKA**

- | | | |
|---|--|----|
| 1 | Ukuba uneminyaka engaphantsi kwe-18, awuvumelekanga ukuba <i>ungathenga</i> icuba. Oku kuquka nokuthenga iimveliso ezenziwe ngecuba. Akuvumelekanga nokuba ungene kwiindawo ekutshaywa kuzo. Akuvumelekanga ukutshaya kwiindawo ezifana neendawo zokutyela, kwii-ofisi, kwiindawo ezineevenkile zikawonke-wonke apho kungekho ndawo ibekelwe abatshayi. | 5 |
| 2 | Akuvumelekanga ukutshaya kwinqwelo-mafutha (nokuba yeyakho) xa ukhwelise abantwana abangaphantsi kweshumi eline-12. Oku kuyingozi kubo ngenxa yemiphunga yabo engakhulanga ngokugqibeleleyo. Imizi-mveliso yecuba ayivumelekanga ukwenza izibhengezo ntengiso nokubamba imibhiyozo ngeenjongo zokuloba ulutsha ukuba luthenge icuba. | 10 |
| 3 | Ukutshaya kuye kuyichaphazele kakubi impilo yabo batshayayo, nokuba iminyaka iyamvumela ukuba makatshaye kuba emva kwethuba uye afumane isifo somhlaza okanye isifo semiphunga. Abantu mabaqaphele abantu abakufuphi nabo phambi kokuba batshaye ngakumbi abo bakhathazwa sisifuba kuba oku kungadala ukuminxeka okumandla kube nzima ukuphefumla. Khumbula ukuba lo mntu usecaleni kwakho ungayitshayiyo isigarethi ngoyena uchatshazelwa kakhulu ngumsi wecuba ukodlula wena ntshayi. | 15 |
| 4 | Kukho izigwebo eziqatha ezimiselweyo zabo bophula imithetho ebekiweyo yokutshaya efana nale ilandelayo umzekelo umntu angadliwa imali eqala kuma-500 ukuya kwi-1 000 leerandi ukubasusa kulo mkhwa. | 20 |

[Sicutshulwe kwi-intanethi-[www.google](http://www.google.com) saza sahlalwa]

- 5.1 Guqula isenzi esibhalwe bukekela kumgca wesi-2 sibesisibizo. (1)
- 5.2 Nika uhlobo lwesenzi esibhalwe ngqindilili kweli binzana lilandelayo.
... nokuba **iyamvumela** ukuba makatshaye ... (1)
- 5.3 Sebenzisa igama elikwizibiyeli ukudibanisa ezi zivakalisi zilandelayo:
Akuvumelekanga ukutshaya kwinqwelo-mafutha. Kungagulisa abantu okhwele nabo (kuba). (1)
- 5.4 Sisetyenziswe njani isibizo esibhalwe bukekela kwisivakalisi esingezantsi?
Abantu mabaqaphele abantu abakufuphi nabo phambi kokuba batshaye. (2)



5.5 Bhala esi sivakalisi silandelayo kwimo yengxelo-ntetho.

'USipho uthe kubo, 'Ukutshaya kuyichaphazela kakubi impilo yenu.'

Qala ngolu hlobo: USipho ...

(3)

5.6 Bhala ngokuchanekileyo isivakalisi esingezantsi.

Umzekelo umntu angadliwa imali eqala kuma-500 ukuya kwi-1 000 leerandi ukubasusa kulo mkhwa.

(1)

5.7 Bhala isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.

Umzekelo umntu angadliwa imali eqala kuma-500 ukuya kwi-1 000 leerandi ukubasusa kulo mkhwa ...

(1)

[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

AMANQAKU EWONKE: 70

